



Province of the
EASTERN CAPE
EDUCATION

Iphondo leMpuma Kapa: Isebe leMfundo
Provinsie van die Oos Kaap: Departement van Onderwys
Porafensie Ya Kapa Botjhabela: Letapha la Thuto

NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

IBANGA 12

SEPTEMBER 2025

ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO P3

AMANQAKU: 100

IXESHA: 2½ iiyure

Olu viwo lunamaphepha ama-6.

IMIYALELO NENGCACISO

1. Eli phepha linamaCANDELO AMATHATHU:

ICANDELO A: Izincoko (50)

ICANDELO B: Imihlathi emide (30)

ICANDELO C: Imihlathi emifutshane (20)

2. Phendula umbuzo ubeMNYE kwiCANDELO ngaliNYE.

3. Bhala ngolwimi ohlolwa ngalo.

4. Qala ICANDELO ngaLINYE kwiphepha ELITSHA.

5. Yenza UYILO (umzekelo, imephu yengqondo, isazobe okanye idayagram/ iflowu tshathi/amagama angundoqo, njalo-njalo), hlela uze ufunde kwakhona umsebenzi wakho. Uyilo malubhalwe PHAMBI kokubhalwa kwetekisi nganye.

6. Wonke umsebenzi woyilo mawuphawulwe njengoyilo ulungenise nomsebenzi wakho. Kuyacetyiswa ukuba ukrwele umgca onqumlezileyo kulo lonke uyilo olwenzileyo.

7. Iingcebiso malunga nolwabiwo lwexesha:

- 80 emizuzu kwiCANDELO A
- 40 emizuzu kwiCANDELO B
- 30 emizuzu kwiCANDELO C

8. Nombola iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenzisiweyo kwiphepha lemibuzo.

9. Nika impendulo nganye isihloko esichanekileyo.

10. Isihloko masingabalwa xa kubalwa amagama asetyenzisiweyo.

11. Bhala ngokucacileyo nangokucocekileyo.

ICANDELO A: IZINCOKO**UMBUZO 1**

Khetha isihloko sibe siNYE kwezi zilandelayo. Bhala amagama ali-190 ukuya kuma-240. Apho ungasinikwanga khona isihloko sinike. Khumbula ukuYILA.

- 1.1 Ndaphantsa ndalahla ithemba ngaloo mhla [50]
- 1.2 Uthethathethwano yeyona nto ingaluncedo emakhayeni ethu [50]
- 1.3 Apha ebomini iindlela zimbini [50]
- 1.4 Ndaziva sele ndisithi, "Vuleka mhlaba ndingene ..." [50]
- 1.5 Yayingathi andisafiki esikolweni [50]
- 1.6 Izinto ezinkulu ziqala kancinci [50]
- 1.7 Khetha umfanekiso ube MNYE kule ingezantsi ubhale isincoko. Bhala inombolo yombuzo (1.7.1 OKANYE 1.7.2). Nika isincoko sakho isihloko esifanelekileyo.

QAPHELA: Makubekho ukuzalana okucacileyo phakathi kwesincoko nomfanekiso owukhethileyo.

1.7.1



[Uthathwe ku-www.istockphoto.com]

[50]

1.7.2

[Uthathwe ku-<http://istock.adobe.com>]

[50]

AMANQAKU ECANDELO A: 50

ICANDELO B: UMHLATHI OMDE**UMBUZO 2**

Khetha umhlathi omde ube mNYE kule ilandelayo. Ubude mabube ngamagama angama-80 ukuya kwi-100 (umxholo kuphela). Khumbula ukuYILA.

2.1 ILETA YOBUHLOBO

Bhalela umhlobo wakho ileta umxelele ngendlela oxheleke ngayo wakuba ufumene imbalelwano ethi awufumenanga ndawo kwiDyunivesithi obufuna ukuya kuyo.

[30]**2.2 ILETA YOBURHULUMENTE**

Bhala ileta eya kwimanejala yevenkile yempahla yezemidlalo oyithandayo. Cela ukuba aniphe isipho sempahla yebhola kuba ningenayo kwaye nilungiselela itonamenti eza kubakho kwingingqi yenu.

[30]**2.3 I-OBHITSHUWARI**

Bhala i-obhitshuwari yesizalwane sakho ebesigcina abantwana abangenamakhaya kwingingqi yakho.

[30]**2.4 UDLIWANO-NDLEBE**

Bhala udliwanondlebe oluphakathi komfundi nomphathiswa wezeMfundo uNkosazana Gwarube malunga neendlela ezintsha zokulungiselelwa kwabafundi ukuze baphumelele ibanga labo le-12.

[30]**AMANQAKU ECANDELO B: 30**

ICANDELO C : UMHLATHI OMFUTSHANE**UMBUZO 3**

Khetha umhlathi omfutshane ube mNYE kule ilandelayo. Bhala amagama angama-60 ukuya kuma-80 (umxholo kuphela). Khumbula ukuYILA.

3.1 ISIBHENGEZO-NTENGISO

Bhala isibhengezo-ntengiso sesidi (CD) entsha tsha eveliswe nguScotts Maphuma ethi, "Bathini Bona".


[20]**3.2 UNGENISO KWIDAYARI**

Bhala ungeniso lwedayari lweentsuku ezintlanu malunga nezinto oza kuthi uzenze kwezi holide zikaSeptemba, ukulungiselela iimviwo zokuphela konyaka.

[20]**3.3 IZALATHISI**

Bhala izalathisi zokubonisa umhlobo wakho ohamba ngeenyawo indlela esuka eClifford Hotel eya kwithala leencwadi (kwiPublic Library). Ungasebenzisa nayiphina indlela ukusuka eClifford hotel ukuya kwiPublic Library.

Nantsi imephu eza kuyisebenzisa ukolathisa indlela.

**[20]**

[Uthathwe ku-www.shutterstock.com]

AMANQAKU ECANDELO C: 20

AMANQAKU EWONKE: 100